URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Moya Combrink
ICandelo eliKhulu loLawulo lweKharityhulam noVavanyo
Moya.Combrink@westerncape.gov.za | 021 467 2626

Inombolo yefayili: 19/2/P
Isalathiso: 20241107-8117

INgcaciso eMfutshane yoLawulo lweKharityhulam noVavanyo: 0009/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**Isihloko: Ukugcinwa kweziCwangciso zokuFundisa zaQho ngoNyaka (*Annual Teaching Plans (ATPs)*) zamaBakala R ukuya kwele-12 zango-2023/2024 kuqukwa nemilinganiselo yamanqaku ehlaziyiweyo ee-*School-Based Assessments (SBAs)* neemviwo zonyaka wokufunda u-2025**

1. ISebe leMfundo esiSiseko (iSebe i-*DBE*) likhuphe iSetyhula S33, yomhla wama-29 Disemba 2022, eyapapasha iziCwangciso zokuFundisa zaQho ngoNyaka (*Annual Teaching Plans* (*ATPs*)) zango-2023/24 nemilinganiselo yamanqaku ehlaziyiweyo ye-*School-Based Assessments* (*SBA*) neyeemviwo neemfuno ezimiselweyo emaziphunyezwe ngeminyaka yokufunda yango-2023/2024.

2. Ii-*ATPs* zeBakala R ukuya kwele-12 zinike iingcebiso ngokuphunyezwa kwenkqubo yokubuyiselwa kwemeko yokufunda kweyesiqhelo yaye ziphunyezwe ngo-2023 nango-2024.

3. Ukulungiselela ukuphunyezwa kwale nkqubo, ii-*ATPs,* zihanjiswe nemilinganiselo yamanqaku ehlaziyiweyo yee-*SBA* neyeemviwo nezinye iimfuno ezimiselweyo ezingundoqo zovavanyo.

4. Le ngcaciso imfutshane yazisa bonke abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo ukuba ii-*ATPs* zango-2023/2024 nemilinganiselo yamanqaku ehlaziyiweyo neemfuno ezimiselweyo ze-*SBA* ukwenzela abafundi beBakala R ukuya kwele-12, kuya kuqhutyekwa nokuphunyezwa kwazo ngo-2025 de zibe zirhoxisiwe.

5. IProgram yoVavanyo (*POA*) icacisa imisebenzi, iimvavanyo, iimviwo, imisebenzi yovavanyo lweprakthikhali (izifundo ezineprakthikhali (*practical subjects)*) nemisebenzi ye-orali (yeeLwimi), engqamene nesifundo nebakala ngalinye ukwenzela unyaka ochaphazelekayo.

6. Imilinganiselo yamanqaku e-SBA neyeemviwo ifakelwe izilungiso ngolu hlobo lulandelayo:

| **ISIGABA** | **IMILINGANISELO YAMANQAKU EHLAZIYIWEYO YE-*SBA*** |
|---|---|
| IsiGaba esiSiseko (amaBakala R ukuya kwele-3) | Umlinganiselo we-*SBA* ngu-100% |
| IsiGaba esiPhakathi (amaBakala 4 ukuya kwele-6) | Umlinganiselo wamanqaku e-*SBA* ngu-80%: oweemviwo ngu-20% |
| IsiGaba esiPhakamileyo (amaBakala 7 ukuya kwele-9) | Umlinganiselo wamanqaku e-*SBA* ngu-60%: oweemviwo ngu-40% |
| AmaBakala 10 ukuya kwele-11 | Umlinganiselo wamanqaku e-*SBA* ngu-40%: oweemviwo ngu-60% |
| IBakala 12 | Umlinganiselo wamanqaku e-*SBA* ngu-25%: oweemviwo ngu-75% |

7. IProgram yoVavanyo (*Programme of Assessment* (*POA*)) yaphakathi enyakeni neyeemviwo zokuphela konyaka, ilolu hlobo lulandelayo:

7.1 Kwiimviwo zaphakathi enyakeni/zangoJuni:
(a) KwiBakala 12: Kwiimviwo zaphakathi enyakeni/ zangoJuni;
(b) KumaBakala 10 ukuya kwele-11: Kwiimviwo zaphakathi enyakeni/ zangoJuni; kunye
(c) NakumaBakala 4 ukuya kwele-9: Kwiimviwo zaphakathi enyakeni/zangoJuni ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe kuphela.

7.2 Kwiimviwo zokuphela konyaka:
(a) KwiBakala 12: Kuviwo olupheleleyo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke;
(b) KumaBakala 7 ukuya kwele-11: Kwiimviwo ezipheleleyo kwizifundo zonke; kunye
(c) NakumaBakala 4 ukuya kwele-6: kwiimviwo ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe kuzo zonke izifundo.

8. Imilinganiselo yamanqaku e-*SBA* neyeemviwo neemfuno ezimiselweyo ze-*POA* ekhankanywe ngasentla, **iqala ukusebenza ukususela ngoJanuwari 2025, yaye iya kuhlala isebenza de itshitshiswe.**

9. Iiprogram zokurekhoda amanqaku nezokwenza iiripoti ezihlaziyiweyo ze-*GET* zangowama-2025 neerekhodishithi zezifundo ze-*FET* zowama-2025, ziya kufumaneka kwi-*CEMIS* ekuqaleni kukaMatshi 2025.

10. IziCwangciso zokuFundisa zaQho ngoNyaka *(ATPs)* zifumaneka kwiziko lewebhu leSebe i-*DBE*: https://www.education.gov.za/Curriculum/NationalCurriculumStatementsGradesR-12/2023ATPs.aspx.

11. Kucelwa amagosa ezithili zemfundo neenqununu bazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke ootitshala, abazali/abagcini babafundi nabafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-BJ LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-11-14